S.E.R. Mqay: *Imvo Zabantsundu* (14 February 1933), page 2

**Umfi u Rev J.M. Auld**

Lomfundisi ugama lingentla apa wafika pakati kwama Ngqika kuse miwe ngomnyaka we 1875, ngo Gumna. Ulishiya namhla ilizwe sele yindoda enkulu ngo Dec. 1932. Apo wafikela kona kuse Lujilo, pezu kwe Nciba, wafika eliracaracana lomfana; wahlala esemfutweni kubafundisi base Mgwali ka Ngqika. Kute ukuxola kwelizwe ngo Nchayecibi (1879) awezwa ama Ngqika asiwa kwitolongwana epakati kwe Nciba ne Qora, igama lalondawo kutiwa kukwa Centane; wawela naye umfo ka Holide, wafika wemisa kulomajikolo e Kobonqaba kutiwa kukwa Luqongo, wayitiya igama londawo lokuba yi Columba. Bema apo kunye nomfundisi u Landi wase Nqandu enge kayi fumani yena londawo; kute kupi ke kwahlukana. Wasebenza eyedwa ke lomfo ka Olidi, lasisiqodolo ihashe lake umhla nezolo, efunzela eso siqingata singumzantsi ka Centane, kuba umntla wawuno Gadudu (Rev W. Girdwood) e Tuturha.

Umlesi uyakuqonda ukuba ama Ngqika ayefika kwelizwe elitsha elichuma ainazimba, apo umntu walahla ingubo wafika kwelokupela; apo izisusa neziyolo, imidudo namaleqe kwafumane kwaliqodi, safumane esosicaka sika Tixo safana nezwi lomemeza entlango, kungeko bani anetuba lokusipulapula.

Ute kuba umfo litole lamatole angevayo asezi Kotshini, lo Nozikhakana, kwadibana into zifana namatole ama Ngqika! Yinto ke leyo ebekuhlala kuba ngama halihali, nama nkantinkanti, kufakwana iminqayi ne zabokwe, kubhutywana nangemizamo kube yilonto. Atsho kube kanye umfo wasezi Kotshini, ikalip’ elikulu, ukuti: “Nganina wateta njalo kuye umfundisi wako! Ufanelwe kukubhetwa!!! Loti eli lokugqibela ilizwi lisitsho libe selisihla kunye ne sabhokwe endodeni. Umfo esitiyile isono kunye nomenzi waso, engena budlelana nendoda “ekohlekileyo.” Ngenxa yalonto akabanga mbunguzulu kuma Ngqika; amasiko, izitete, inkolo, amakazi, ubuti, ulwaluko njalonjalo ubesakutsho futi ukuti: “Iyakude ibe yimini yokufa kwam ndizilwa ezizinto!”

Kute ngokwenza kuka Tixo ezi ntweni zake ngomnyaka we 1888, okanye ’89, kwavuka ingxabano enkulu pakati ko Maneli ne Bandla lake, yinto leyo eyenza ukuba ku ngene ama Wesile kwa Centane, alutata u Sizi, i Cebe, no Kantolo e Nyuturha, zangenelela ngoku nezinye imvaba; kanti oko kukungena kwe Lizwi kuma Ngqika; yachuma imfundo, zanda ityalike nezikolo.

Waquba naye umfo ka Holide, wafundisa abake onyana nentombi ezininzi kunene; kwapuma abafundisi, o gqira, ne njiniya. Kute ngoku ekukuleni kwayo indoda, beta ubu nt shokovane, kwapela ukuhamba i palaza "ifatshi zamangoboka;" yati nempilo yangxengengxenge wafuna ngoku nabancedisi, into abengazange ayikatalele. Umfazi wake intokazi ka Meikle ayizange ipeze ukuba ngum ncedisikazi ofanelekileyo womfundisi; nentombi zake zizo ezi zizathuzayo na namhla nje kweli Bandla la Bantu. Ebudaleni bake umfo ka Olidi umke engemki kwe Centane, ukuya ku pumla e Monti. Iminyaka esekupumleni ingaba isesihlanwini; ate eku feni kopelileyo (5th Dec. 1932 wawubeka pantsi umzimba odiniweyo xa aminyaka ima 85 ubudala: -

Awu!!!

Kwasala kwenzwanga ma Ngqika, -

Mabandla ka Butsholo-bentonga!

Mabandl' akulo Teta, kulo Mbombo nama Mbede;

Kwasala kwenzwanga, -

Imkil' indoda, umkil' um Ngqika,

Ibizwe kwa Tixo yasabela;

Induluke ku Luqongo yasing' e Ngcabanga;

Yalapo ngesiqu intliziy' iku Luqongo.

Taruni mabandla ka Palo!

Nanamhl' iselapo pakati kwenu,

Ilwa isono, nokunchola, nenkohlakalo

Zange kufiwe kowetu kwa Palo.

Taruni zintombi zakwa Rarabe!

Nite nzwanga nganina?

Kwake kwanje pina kulomzi?

Andibi na ngenibongisela,

Nisenz' izango zengoma,

Ngomfo ka Holide wasezi Kotshini;

Owakanyisel’ ama Ngqik’ emnyameni,

Awel’ i Qora ne Qwaninga kuma Gcaleka.

Abuye ngo Manyube ne Qolora;

Taruni madod’ andilili, -

Andisemntu wakulila kaloku,

Ndinovuyo kub’ ubawo ndimcim’ amehlo;

Ndinovuyo kub’ ubawo ndimnchwabile;

Ndinovuyo kub’ ubawo ndimlindele!

Ncincilili!!